



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 80

IXESHA: iiyure 2½



Olu viwo lunamaphepha angama-31.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A: iSihobe (30)

ICANDELO B: iNoveli (25)

ICANDELO C: iDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBHE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
- Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE

Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ITHEYIBHILE YESIQUATHO**ICANDELO A: ISHOBE**

Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	limbongi	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2.	Ingoma kaVelaphi	Umbuzo omfutshane	10	7
3.	Ukwenziwa komkhonzi	Umbuzo omfutshane	10	8
4.	Umfikazi uCharlotte Manyi Maxeke	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE				
Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.				
5.	A! Zilimbola	Umbuzo omfutshane	10	10

QAPHELA: Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo omNYE

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	<i>Inkaw'idliw'ilila</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	11
7.	<i>Inkaw'idliw'ilila</i>	Umbuzo omfutshane	25	13
8.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	15
9.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	17
10.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18

11.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	19
OKANYE				
12.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo osisincoko Soncwadi	25	20
13.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	21

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
14.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	24
OKANYE				
15.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo omfutshane	25	25
16.	<i>Indlal' inamanyala -</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	27
17.	<i>Indlal' inamanyala</i>	Umbuzo omfutshane	25	27

QAPHELA: KUMACANDELO B no C, qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHEMULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSIS
A	ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	Isihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	6–13	1	
C	Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	14–17	1	

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane****IMIYALELO**

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenndule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Tyhila impixano kuvakalelo lwembongi ebonakala ngokuzoyikisela iimbongi kumsebenzi wazo oethe-ethe kwimiqolo 1–5 kwanokuzithemba kwayo ngokugqithisileyo kwakulo msebenzi mnye kwimiqolo ye-6 ukuya kowe-14.

[10]

IIMBONGI – Z.S QANGULE

- 1 Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
- 2 Mithombo ehlupha ngokubhanga,
- 3 Nzala yamagqirha ngokunuka,
- 4 Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
- 5 Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
- 6 Xholovane benkundla ukuxoxa,
- 7 Zazi zeembalo ukuprofithesha,
- 8 Makholwa endalo ukubhedgesha,
- 9 Manyange anyanga izizwe,
- 10 Bavuseleli abatyala ubuzwe,
- 11 Zingxangxasi iingcamango zenu,
- 12 Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
- 13 Ndiphuma nani ngokutola,
- 14 Ndivuma nina ngokuhlola.

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

INGOMA KAVELAPHI – JJR JOLOBE

- 1 **Ndiyeza**, ndiyeza, sithandwa sam,
- 2 Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
- 3 Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
- 4 Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
- 5 Lwelizwe lobawo.

- 6 O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
- 7 linduli kwanamathambeka elizwe,
- 8 Elimpangalala; siphuma ingqina,
- 9 Siland' ekhondweni lexhama
- 10 Kwilizwe lobawo.

- 11 Ezants' emgodini, sithandwa sam,
- 12 Lingabonakali nelanga nezulu,
- 13 Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma
- 14 Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,
- 15 Kwilizwe lobawo.

- 16 Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
- 17 Ungandilileli. Wupheze loo mhobe
- 18 Wosizi uhlab' intliziyo. Ndiyazi
- 19 Olwakho uthando lolwami kuphela,
- 20 Kwilizwe lobawo.

- 21 Indoda kaloku, sithandwa sam,
- 22 Imelwe kuphath' umhlakulo, nomfazi
- 23 Agcine intsapho, ukuze luzale
- 24 Olweth' ulonwabo, Nojenti sithandwa,
- 25 Kwilizwe lobawo.

- 2.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo woku-1? (2)
- 2.2 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.3 Xoxa uluvo oluthi lo mntu ithetha ngaye imbongi uyasiva isikhalo sowakwakhe ngokwesitanga sesi-4. (2)
- 2.4 Kubethelela ngcinga ni ukusetyenziswa kwempinda ekupheleni kwesitanga ngasinye salo mbongo? (2)
- 2.5 Nika umxholo walo mbongo. (2)

[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR JOLOBE

- 1 **Andisenakubuza** ndisithi kunjani na
- 2 Ukukhanywa yintambo yedyokhwe emqaleni
- 3 Kuba ndizibonele kwinkabi yomqokozo,
- 4 Ubumfama bamehlo busukile ndagqala
- 5 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
- 6 Kwinkatyana yedyokhwe.

- 7 Yabigudile intle, izalelw' inkululo
- 8 Ingaceli nto mntwini izingca ngobunkomo.
- 9 Uthe umntu mayibanjwe iqeqeshwe, ithambe,
- 10 Ezilungiselela ngokunga uyasiza,
- 11 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
- 12 Kwinkatyana yedyokhwe.

- 13 Inge ingamangala ikhusel' ilungelo,
- 14 Yangqingwa yabiyelwa ngobulumko namava.
- 15 Amaqhinga oyisa kufunw' iqobozeke.
- 16 Isizathu esihle singafihla ububi.
- 17 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
- 18 Kwinkatyana yedyokhwe.

- 19 Irhintyelwe ngeentambo zayidla ebuntloko,
- 20 Yangxoliswa yakhatywa, kwaphathwa kulelezwa,
- 21 Injongo yona inye mayithwale idyokhwe.
- 22 Lolwezulu uqeqesho olujong' umqeqeshwa,
- 23 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
- 24 Kwinkatyana yedyokhwe.

- 3.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo woku-1? (2)
- 3.2 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.3 Xoxa uluvo oluthi imbongi iyakwamkela ukuphatheka kakubi kwale nkatyana yedyokhwe ngokomqolo we-16. (2)
- 3.4 Kubethelela ngcinga ni ukusetyenziswa kwempinda kwimiqolo emibini ekupheleni kwesitanga ngasinye salo mbongo? (2)
- 3.5 Nika umxholo wesi sicutshulwa sombongo. (2)

[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK MQHAYI

‘Ndesuka ndingunina kwaSirayeli’ (Gwebi 5:7).

- 1 Shukumani bafazi;
- 2 Ushenxil’ **uMamarhixirhixi**;
- 3 Ufinyis’ amagruvu;
- 4 Ushenxil’ okad’ esakh’ umzi,
- 5 Egutyul’ iirhanga namanxila;
- 6 Egodus’ amahilhil’ agoduke;
- 7 Kubuy’ amadungudwan’ emazweni;
- 8 Itye lesiseko seTiyopiya!
- 9 Shukumani bafazi!

- 10 Igqibil’ intomb’ asemzini;
- 11 Igqibil’ intomb’ aseLusuthu;
- 12 Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
- 13 Ukhe wabek’ iinyawo kwelabaTswana;
- 14 Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
- 15 Wabek’ amabele kubaThembu;
- 16 Kumabandla kaNdaba noZondwa;
- 17 ETyhalasha kwingcwaba likaNgangelizwe.

- 18 Maz’ emabele made yase-Afrika;
- 19 Okwanyis’ usapho lukaNtu luphela;
- 20 Azi nonyaka yaphusile nje;
- 21 Logangwa yintokazi kabani na?
- 22 Menzelen’ ilitye lokukhunjulwa;

- 4.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesibini? (2)
- 4.2 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.3 Xoxa uluvo oluthi imbongi iyakwamkela ukufa kukaCharlotte ngokwesitanga sesibini. (2)
- 4.4 Kubethelela ngcinga ni ukusetyenziswa kwempinda ekuqaleni nasekupheleni kwesitanga sokuqala salo mbongo? (2)
- 4.5 Nika umxholo wesi sicutshulwa sombongo. (2)

[10]

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

A! ZILIMBOLA! – M MBAMBO

- 1 Umntwan' oyinkwenkwe yindoda,
- 2 Yintandane kowabo emaThileni.
- 3 Ziqhayisa ngay' ezakowab' iintombi.
- 4 Nonin' uzingomb' isifuba ngaye.
- 5 Sakukhula isithombo kulibhong' emzini.
- 6 Yintlutha esizweni nasengqondweni.
- 7 Ngundize kubantwana ekuhlaleni.
- 8 Nkosi yam namhla kungawe ke,
- 9 Choko-choko elimabalabala eGwali,
- 10 Mbishiza lamahlath' aseGwali,
- 11 Ntambanan' emaphiko tyityimb' emafini,
- 12 Sondel' esibhakabhakeni ikhaya leenkwenkwezi-
- 13 A! Zilimbola!

- 14 A! Zilimbola!
- 15 Yinkcalankcala inkunz' aseGwali,
- 16 Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
- 17 Ngomlomo le nkunzi iyabhodla,
- 18 Ibhodl' iintshwembenxa zamagama,
- 29 Itsho ngezibhebhwela uncuthu.
- 20 Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
- 21 Mv' evum' engaziwayo ingoma.
- 22 Nkunz' inomcondo yaseGwali-
- 23 Mabandl' akuloPhuthise nivile na?
- 24 Nditsho kuni mabandl' aseGwali.

.....

[Vukani madoda kusile: Izibongo zebanga le-12]

- 5.1 Nika iimpawu ezimbini ezibonisa ukuba sisibongo esi. (2)
- 5.2 Uphuhlisa ntoni umqolo wesi-5? (2)
- 5.3 Nika isafobe esifumaneka kumqolo we-12, uze uchaze nesikuphuhlisayo. (2)
- 5.4 Wahluke njani umqolo wama-20 kowama-21 ngokwesakhiwo? (2)
- 5.5 Uthini umongo wesitanza sesi-2. (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBURZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBURZO OMFUTSHANE)

UMBURZO 6 (UMBURZO OSISINCOKO SONCWADI)**INKAWU IDLIW'ILILA – S KULA**

Ukomelela/ukuqola komlinganiswa oyintloko kubonwa ngenani, ububanzi nokuphakama kwemiqobo athe wahlangana nayo ebalini. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguThantaswa.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

[25]**OKANYE**

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**INKAWU IDLIW'ILILA: S KULA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Ngathi mdala kodwa nalaa bhuti apha kum. Inokuba ungaphezulu naphaya kuMfuneko.'

'Yinto eza kwenzani leyo? Uya kudla kudala ulibele kukulala nje! Zizanyamtya zodwa ezilibala bubuthongo. Vuka sana! Ukuba angaze abhudele apha kum loo Yangaphi, ndingamnika lonke uthando endinalo ahiliteke ingqondo lulo, ukuze yena andinike yonke imali anayo,' watsho ehleka uNomathamsanqa owayengalilibali ngokwenene ithamsanqa likaThantaswa.

'Ndiza kulala ndimfowunele ke sana. Kodwa ke ndixhalele nomfazi wakhe,' atsho uThantaswa.

'Ebekunikela ntoni ke yena eli khadi kanti akakufuni ukufowunelwa?

Ukuba akamhloniphi umfazi wakhe, wena akungeni ndawo kuloo nto, kwaye usengamkha ngophondo awele kude kuloo mzi wakhe. Uze usebenzise le nombolo yeselula,' wamcebisa ngelo uNomathamsanqa .

'Enye into endiyixhaleleyo kukuba bonke oosomashishini ngoodlalani abangadlulwa bhinqa. Kazi ndiza kuba ngowesingaphi na ke mna kwabafowunela lo mfo ngelanga? Sonke sitsalwa sesi sipaji sakhe,' watsho ehleka kancinci uThantaswa.

'Nokuba nibangaphi na, ukuba umntu ngamnye uyalifumana iqhosha elingenantunja kugqityiwe.' Wathi akutsho uNomathamsanqa, wahleka uThantaswa.

'Ubudenge endibenzileyo ke, Thami, kukuba andimnikanga umhlekazi ezam iinombolo kuba ndidinwa kukufowunelwa ngabantu endingabafuniyo. Ndisenokungamfumani kaloku lo mfo xa ndimfowunelayo kuba oosomashishini basoloko bexakekile,' watsho uThantaswa.

[Isahluko soku-1]

7.1 Ibe nagalelo lini idolophu yaseGcuwa kwingxaki yolwaphulo mthetho ekule noveli. (2)

7.2 'Zizanyamtya zodwa ezilibele bubuthongo.'

La mazwi kaNomathamsanqa angumzekelo wolwimi oluchukumisayo okanye oluqweqwedisayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.3 '... watsho ehleka uNomathamsanqa owayengalilibali ngokwenene ithamsanqa likaThantaswa'

Ingaba uNomathamsanqa wahlala embona njengonethamsanqa kubomi bakhe bonke beli bali uThantaswa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Nggqina ukuba umbhali umzobe ngokumayana uNomathamsanqa kwesi sicutshulwa. (2)

7.5 'Ubudenge endibenzileyo ke, Thami ...'

Chaza isenzo sobudenge azenzileyo uThantaswa ngexesha ebetshintsha ubunini bezinto zikaMsindisi kunye noMdlambila. (2)

7.6 Lo mxholwana uvezwa kwesi sicutshulwa uwuxhase njani lo mxholo wobugewu ukule noveli? (2)

KUNYE

ISICATSHULWA B

Ukuba ngenene nangenyaniso bangabatyholwa kule nto, kufuneka senze ngabo umzekelo. Kufuneka bawazi ukuba umthetho uyasebenza nakubantu bomthetho uqobo,' wangqina ngelo uNkomo.

Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini. Ilishwa labo ke kukuba banqunyanyiswa ngaphandle komvuzo wenyanga ngenxa yobunyekenyeke bezityholo zabo.

'Inene uMfuneko lo unzulu,' watsho uBhadula ebona uMnenga noNqoza bephuma e-ofisini kaNjinga bemanyonywana.

'Akanelanga nje kukuba nzulu, ungcolile, ngusathana wepolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa,' wangqina watsho uGqazana.

'Eyam ingqondo incamile namhlanje,' watsho evuthulula izandla uBhadula kukungabi nabhongo.

'Sisigebengakazi somfazi esiya sikaYangaphi esifanelwe kukuya kuvalelwa sodwa kwesimnyama isisele,' watsho uGqazana.

'Ufanelwe sisihogo samanz' abilayo!' wagqibezela ngelo uBhadula.

Wathi nje ukuba asifulathele isikhululo samapolisa uMfuneko ukugxothwa kwabo, wacofa inombolo kanomyayi kaThantaswa emxelela ukuba iliwa libheke umoya.

'Bayive ngabani aba bantu into yokuba ubufuna ukubulala uMapheza?' wabuza exhalabile uThantaswa.

'Ndikrokrela uMapheza buqu.'

'Yena eyive ngabani njengokuba evuka ekufeni nje?'

'Andikazi okwalo mzuzu kodwa ndiza kuzama nam ukwenza uphando ngaloo nto.'

'Wowu! Ingathi kusekude ukuphuma kule ndibongo njengokuba ndijongile. Icebo lale ngoku lithini?' wabuza ebukruquka uThantaswa.

'Ndiseza kucinga kuba okwangoku andikemi kakuhle ngokwasengqondweni, koko bendisithi mandikwazise nje loo nto.'

[Isahluko se-13]

7.7 Bubaluleke ngantoni ubukho bomlinganiswa onguMapheza kumxholo weli bali? (2)

7.8 Akanelanga nje kukuba **nzulu, ungcolile, ngusathana wepolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa,**

Nika iimeko eziMBINI ezingqina ukuba uMfuneko ngenene unjengokuba exelwa kule ntetho ingentla. (4)

7.9 Kuxesha nini emini emaqanda? (1)

7.10 '... bayive ngabani ukuba ubufuna ukubulala uMapheza?' wabuza exhalabile uThantaswa.

Ukuxhalaba kukaThantaswa kuzisa yiphi ingcinga? (2)

- 7.11 'Wowu! Ingathi kusekude ukuphuma kule **ndibongo** njengokuba ndijongile.'

Beka le 'ndibongo' azibona ekuyo uThantaswa kumxholo weli bali. (2)

- 7.12 '... watsho uBhadula ebona uMnenga noNqoza bephuma eofisini kaNjinga bemanonywana.'

Esi sicutshulwa sisifundisa ntoni ngesimo sikaNqoza? Xhasa impendulo yakho.

(2)
[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**NYANA WAM! NYANA WAM! WK TAMSANQA**

Ukomelela/ukuqola komlinganiswa oyintloko kubonwa ngenani, ububanzi nokuphakama kwemiqobo athe wahlangana nayo ebalini. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguThole.

[25]

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**NYANA WAM! NYANA WAM! - WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

‘Peto khawenz’ into sisele, sizokuyicingela kakuhle le nja ukuba sithini na ngayo,’ yatsho le nto iphethe ivolo-volo kucaca ukuba nayo ngokwayo ngomnye owagqitha indlu yoxolo ivaliwe, ibonakala kwasemehlweni apha ukuba kudala igila imikhuba, ngumbulali mdala. Yathi ukuba itsho waphuma omnye wabo wanga akayanga wabuya nomngxu wanika le nto imehlo abomvu. Kweziwa negilasi yagalela yee qongqololo yacimela inyakamile, yavakala isithi, ‘Khuphani iintambo nimqamangele ewodrobhini.’ Kwavulwa kwakuyo le wodrophu aza kubotshelwa kuyo kwakhutshwa iintambo waqanyangelwa ukusuka elunyaweni ukuya kuthi ga entanyeni. Emva koko bamphamba-phamba ngeempama bemtshicela, bemkhaba kwiindawo ezimbi nezinengozi emzimbeni engenakho nokuthini ngenxa yokuqiniswa kweentambo ezazimbophile.

‘Thabathani isitulo nibeke ixesha kuso nilijongise phaya kuye alibone,’ yatsho le nto, kwenziwa njalo kwangoko.

‘Uyalibona elo xesha?’ yabuza le nto.

‘Ewe ndiyalibona,’ watsho ukuphendula uThole. Yesuka enye yezi nkewu yatsiba yatsho kakhulu ngempama isithi, ‘Yithi ewe ndiyalibona nkosi!’ ‘Ewe ndiyalibona nkosi!’ uphindile watsho. Phambi kwakhe kwakubekwe la maxesha makhulu kuthiwa zi-*alarm clock*.

‘Khawubophe izoli sikhe siyitshaye le mtshan’ am,’ yatsho le nto kucaca ukuba ngumakhonya kwesi sine imana ukuthunga kobu tywala inunusa amaqabane ayo. Wakhupha intsangu omnye isongelwe ephepheni wabopha le zoli.

[Isahluko sesi-2]

- 9.1 Ibe nagalelo lini idolophu yaseBhayi kwingxaki yokungakwazi ukuthatha izigqibo ezizizo kukaThole kule noveli? (2)
- 9.2 'Yithi ewe ndiyalibona nkosi!' (2)
- La mazwi alo ngevu angumzekelo wolwimi oluchukumisayo okanye oluqweqwedisayo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.3 '... sizokuyicingela kakuhle le nja' (2)
- Ingaba uThole wahlala eyile'nja' abizwa ngayo kubomi bakhe bonke beli bali? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.4 Ngqina ukuba umbhali ubazobe ngokumayana aba ngevu kwesi sicatshulwa. (2)
- 9.5 Chaza isenzo sobudenge asenzileyo uThole kwindlela yakhe eya empumelelweni. (2)
- 9.6 Lo mxholwana uvezwa kwesi sicatshulwa uwuxhase njani lo mxholo wobuqhawe bukaThole ukule noveli? (2)

KUNYE

ISICATSHULWA D

'Asazi ke xhego lakuthi xa usithi senza iintsomi, intetho yesiXhosa ithi indaba yotyelo ayikholi. Kungenzeka ukuba ubuye usingqinela nawe mhla wambona la mfundisi. Ukuba bekuya ngokwam ngeba ndithi masiye ecaweni kule veki izayo, uzibonele ngokwakho.'

'Asazi mfo wam sakubona empilweni,' watsho umntu omkhulu ukuphendula.

'Kodwa ke bawo ulumkele ukugqobhoka mhla waya. Uyashumayela laa mfo wasemzini. Ushumayele ngokuhlwa kwagqobhoka elinye ityathangubo elinje ngawe lo.'

'Leyo yogqobhoko into ayingekhe yandihlela ke mna, mfo wam.

Lelaphi elo tyathangubo?'

'Leli sithi lelakuCentane. Lisebenza eGermiston kwaMaboya.'

Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini, waphakama wambatha ingubo yakhe, waphuma wahamba.

Walala ngobo busuku ezimisele ukuba uza kuya ecaweni kwiveki elandelayo ade ambone lo mfundisi ngawakhe amehlo. Ngayo loo veki lamkhathaza iphupha lakhe lemihla ngemihla awathi waliphupha oko kwathi kwathethwa ngalo mfundisi.

Eli phupha lalimkhathaza liphupha awakha waliphupha kwiminyaka ekumashumi amathathu eyadlulayo. Kodwa wayesithi akuliphupha isiganeko sezo ntsuku sibe ngathi sesezolo, avuke ekhathazeke kakhulu.

Yaphela iveki. Kwangobusuku boMgqibelo, ixhego lalala lidibene nabafana labaxelela ukuba bancede bangalishiyi ngengomso xa baya ecaweni. Yabavuyisa kakhulu loo nto abafana. Okunene ngentsasa elandelayo bavuka balungisa baphathelela ecaweni behamba nendoda enkulu.

9.7 Bubaluleke ngantoni ubukho bomlinganiswa onguThemba kumxholo weli bali? (2)

9.8 'Uyashumayela laa mfo wasemzini.'

Nika iimeko eziMBINI ngaphandle kwale ikwesi sicutshulwa ezingqina ukuba uMangaliso uyashumayela. (4)

9.9 Kuthetha ukuthini ukugqobhoka ngokwesicutshulwa? (1)

9.10 'Wayesithi akuliphupha isiganeko sezo ntsuku sibe ngathi sesezolo, avuke ekhathazeke kakhulu.'

Kuzisa yiphi ingcinga ukuxhalaba kukaMkwayi akuphupha eli phupha? (2)

9.11 'Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini'

Beka lo Centane ugqiba iindaba zikaMkwayi kumxholo weli bali. (2)

9.12 Esi sicutshulwa sisifundisa ntoni ngesimo sikaThole sangaphambili? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE

Ukomelela/ukuqola komlinganiswa oyintloko kubonwa ngenani, ububanzi nokuphakama kwemiqobo athe wahlangana nayo ebalini. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMfazwe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

[25]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UKHOZI OLUMAPHIKO: N SAULE**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

‘Ukuba ngenene abaya bafana babulewe nguFriday, ukubonile ke ngokuqinisekileyo, kunjalo nje uza kuyisulela kuwe yonke le nto, nali negazi lisitsho.’

‘Kuza kufuneka eze nobungqina kaloku Mfundisi.’

‘Abukho obugqithe obu busezinyaweni zakho. Umuncu na umthetho lo wakho Mfazwe?’ Ndathula ndathi ndwanya, waqokela uMfundisi.

‘Linye icebo kwedini, kukuba uqhwashe.’ Ndenza ngathi andimvanga, ndamjonga apha ebusweni.

‘Ukuba usindile ekubanjweni njengokuba sithetha nje, kuza kufuneka utsibe imida yeli, ayikho enye indlela.

Mfazwe, uyayiva le nto ndiyithethayo?’

Kuphela kwento endingazanga ebomini bam ndiyicinge le yayithethwa nguMfundisi Hlathi. Yinto endandiza kuyithini?

Ndandiza kuyiqala ngaphi khona ukuyithetha kuBawo noMa? Hayi, kungcono ndibanjwe, ndibone ke ukuba ndiya kuphuma njani na etrongweni. Waba ngathi uyayibona into eyicingayo ingqondo yam umfo wakwaThixo.

‘Ukuba ukhe wabanjwa, isigwebo siya kuba sinye, kukuxhonywa ukuba akufelanga esiseleni njengoKK. Ngoku aza kuyeka amapolisa ukufunza ngoFriday, aza kukuzingela ngokwawo sele enegunya eliqinisekisiweyo, uyandiva Mfazwe?’ Ndathula andaphendula, engqondweni ndiphethu-phethula amazwi ayendidibanisa nokufa.

Kwakukho nenye into eyayindixakile. Ngaphandle kokuba ndandizixhasa ngomoya wam wonke iingcinga ezinxulumene nomzabalazo, ndide ndikhuthaze nabanye kuzo, kwakungekho qela kwakunokuthiwa ndilimele kula maqela omzabalazo ayevalwe umlomo ngurhulumente. Xa ndiwela imida ngoku, ndiza kuthi ndiya kwabani?

[Isahluko 5]

11.1 Ibe nagalelo lini le lali yakwaQaka kwingxaki yokungabinabulungisa nasimo kwesipolisa kule noveli? (2)

11.2 ‘Abukho obugqithe obu busezinyaweni zakho. **Umuncu na umthetho lo wakho Mfazwe?’**

Amazwi kaMfundisi uHlathi angumzekelo wolwimi oluchukumisayo okanye oluqweqwedisayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

- 11.3 'Ngoku aza kuyeka amapolisa ukufunza ngoFriday, aza kukuzingela ngokwawo' Ingaba uMfazwe waphelela ekuzingelweni kubomi bakhe beli bali? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.4 Ngqina ukuba umbhali umzobe ngokumayana uMfazwe kwesi sicutshulwa. (2)
- 11.5 Chaza isenzo sobudenge azenzileyo uMfazwe malunga nobukho bukaZubuye. (2)
- 11.6 Lo mxholwana uvezwa kwesi sicutshulwa uwuxhase njani lo mxholo wobulungisa obunqabileyo ukule noveli? (2)

ISICATSHULWA F

Kuthe xa kukho umfulana endiwujongileyo nendandiqonda ukuba andizi kuwuwela de ndifike kwindawo eshinyeneyo, ndabona ngaphesheya kwawo ityholo lishukuma, ndisajonge leyo lasuka lahamba leza kum. Phethuthu ndajonga ngasentabeni, kanti andivumisanga, satsho isithonga sompu phambi kwam. Ndema bhunxe. Amaqakamba amapolisa amabini ayayame ngetyholwana endijolise ngemipu engathethi. Ndandingene ndaphelela kwisabatha sawo. Aphuma eza engangxamanga oku kanye kwabazingeli bengqinga inyamakazi eyingozi. Ndaxhoma izandla ndazaneka entla kwentloko. Kwakuphelile ngam. Ngelinye iliso ndandigxelleshe ityholo elihambayo lisiza nalo lingangxamanga. Yayiyiveni yamapolisa igqunywe ngamahlahla. Yeza yeza yeza kumisa kude kufuphi nam. Yayingamapolisa aseThongo, oko kubonakala kwisinxibo sawo kunye nombala oqanda weveni. Kude kangaka nemida yawo, afuna ntoni? Ndema andashukuma, andalaqaza, ndawathi ntshoo la mabini aphambi kwam. Ndandilindele ukuva ndisithiwa hele entloko ngawayesiza ngasemva, kodwa ndawabona edlula esima ecaleni kwamanye, yasisine ewonke, amathathu amnyama nelinye elimhlophe, kungekho lithethayo, kujoliswe imipu kuphela. 'Myekeni abaleke madoda sizokumdubula kakuhle. Baleka wena, qhwesha!' Kwatsho eli lomlungu. Isimanga sezimanga, ndasuka andabi nalo novalo olu, ndathula izandla, ndawajonga apha ebusweni, ndathula cwaka. Ndithe ndakungaphenduli laqokela. 'Uzincedile ngokungabaleki, kungenjalo ubuza kuba sisisulu sembumbulu. Uzincedile nangokuzizisa oku apha kuthi. Kudala sikulandela, sibona kude kaloku.'

- 11.7 Bubaluleke ngantoni ubukho bomlinganiswa onguFriday kumxholo weli bali? (2)
- 11.8 'Kudala sikulandela, sibona kude kaloku.'
- Nika iingongoma eziMBINI ezingqina ukuba uMfazwe kudala emlandela la mapolisa. (4)
- 11.9 Kukuthini ukungena uphelele kwisabatha? (1)

- 11.10 'Ndaxhoma izandla ndazaneke entla kwentloko. '
 Sizisa yiphi ingcinga esi senzo sikaMfazwe? (2)
- 11.11 "Yayingamapolisa aseThongo ... Kude kangaka nemida yawo, afuna ntoni?
 Beka le 'Thongo' athetha ngayo uMfazwe kumxholo webali. (2)
- 11.12 Esi sicutshulwa sisifundisa ntoni ngesimo samapolisa sangaphambili?
 Xhasa impendulo yakho. (2)
- [25]**

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA

Xoxa ngexabiso leentsomi, izibongo, izaci namaqhalo, neengoma kwintlalo kaNtu. Ingxoxo yakho ingaqalela kule ntsomi nombongo ongezantsi.

Ubude bempendulo ecwangcise ngokukuko mabube ngamagama angama340–390. (2–2½ amaphepha)

[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: MMI SWANA

Funda ezi zicutshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

INTSOMI KADELI NODELIWE

Kwahlala kwahlala kwayintsomi. Kwiinduli zaseLatakisa kwakukho abantwana ababelekelana, uDeli noDeliwe. UDeli wayeyinkwenkwe, uDeliwe eyintombazana. Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe. Babesithi uDeliwe mbi kuba wayenesifombo. Yayimhlupha le nto uDeliwe kuba wayehlekwa nguDeli esithi bekufanele ukuba akangowakowabo kuba akuzange kubekhi sifombo kowabo, siyaqala ukubakho ngoDeliwe. 'Kunokwenzeka ukuba wacholwa usemncinci wakhuliswa apha ekhaya,' Wayehlal' ahlale atsho uDeli enkqonkqa eso sifombo.

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala.

Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe, Deliwe!' Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uza kusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe! Deliwe!' Wancuma eDeliwe waphendula, 'Ndiyeva kuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'hi-i-i ndibengathi andinambeko'.

- 13.1 Ibe nagalelo lini indawo ekuthiwa yiLatakisa kwingxaki esontshwa ngumbalisi wale ntsomi? (2)
- 13.2 Ngokokuyazi kwakho le ntsomi, saba yintoni isisombululo sale ngxaki wayekuyo uDeliwe? (2)
- 13.3 Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala.
Bonisa uncedo lokusetyenziswa kohlobo lolandelelwano kolu baliso? (2)
- 13.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bomlinganiswa onguDeliwe kumxholo weli bali? (2)
- 13.5 Nika zibe NTATHU iimpawu ezibonisa ukuba esi sicutshulwa sithathwe kwintsomi. (3)
- 13.6 Chaza ukuba linyanise njani ngokwale ntsomi iqhalo elithi, 'akukho nzwana ingenasiphako. (2)
- 13.7 Isimo sikaDeli kule ntsomi sikufundise ntoni? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA H**USILIMELA-INYANGA YOKUBALA IMINYAKA YOBUDODA**

- 1 A! Silimela!
- 2 AmaNdlamb' amatsha!
- 3 Hay' amaNdlamb' amatsha!
- 4 Hay' amaNdlamb' amatsha!
- 5 Inkos' am, ngumtakaNdluzodaka,
- 6 Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
- 7 Izalwa nguMakinana noNopasi.
- 8 UNopasi yintombi kaMon'umhlophe kaNtshunqe,
- 9 Umhlophe kaNtshuqe kwaBomvana.
- 10 NguLuhad' igama lakhe,
- 11 Umbambo zemka zabuyelela:
- 12 Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka,
- 13 Kuba zilaph'iinzwana namadikazi.

- 14 Kulapho yaqala khon'ukugagana.
- 15 Yatshay' impampile yasemLungwini;
- 16 Yatshay' impampile yasemaXhoseni.
- 17 Yaw' imikhuthuk' amacal' omabini.
- 18 Yarhox' ekaNtsasana yasinga kwaQumrha.
- 19 Wee tyuu uNdluzodaka
- 20 Waya kutsho kuNdada kooVece kuXesimagqagala.

- 21 Bizan' izizwe kuzokwabiwa iinkwenkwezi!
- 22 Iinkwenkwezi mazabiwe.
- 23 Nina beSuthu,
- 24 Thathan'uCanzibe'
- 25 Niya kwabelana namaTshawana nabaTshophi.
- 26 Nazo zonk' eziny'iintlang' ezinezishuba.
- 27 Nina bakwaZulu,
- 28 Thathan'amakroza,
- 29 Niya kwabelana namaSwazi namaTshophi namaTshangana
- 30 Neziny'iintlang' ezingamajarha.

- 31
Siza kubambana ngeSilimela thina mabandla kaPhalo,
- 32 Yona nkwenkwez'enkulu,
- 33 Kuba yinkwenkwezi yokubal'iminyaka,
- 34 Yokubal'iminyaka yobudoda,
- 35 Iminyaka yobudoda.
- 36 Ncincilili!
- 37 Ncincilili!

- 13.8 Nika iimpawu zibe NTATHU zesibongo ezifumaneka kulo mhobe. (3)
- 13.9 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okumqolo we-15 ukuya ku17. (2)
- 13.10 Chonga isandi esenze imfanozandi kumqolo wama-25. (1)
- 13.11 Landa umnombo kaNdluzodaka ngokwalo mbongo. (2)
- 13.12 Ibaluleke ngantoni inkwenkwezi iSilimela kwintlalo yakwaXhosa? (2)
- [25]**

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBULO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

UMBULO 14 (UMBULO OSISINCOKO SONCWADI)**BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA**

UZwilakhe ngumlinganiswa oyintloko kule drama. Ngqina oku ngeempawu kunye neziganeko ezisencwadini.

Ubude bempendulo ecwangcise ngokukuko mabube ngamagama Angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

[25]

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

UZWILAKHE:	Kowu, uyazi ukuba unyanisile. Yintombi loo nto, iyahlokoma yonke le lali ngesimilo sayo esisulungekileyo. Nam ndiyakungqinela mfazi. Kodwa ke ukumxelela kwethu masikhe siyiyeke leyo yentombi, yofanela mhla amawethu ahlalanga. Okwangoku masimele nje ukuba kufuneka efune umfazi, kuba hleze kuthi kanti amawethu aza kuyichasa le ntombi. <u>Yena ngokwakhe uGugulethu andiqondi ukuba angachasa, noko ngumntwana osivayo, ongagqithiyo kwilizwi lethu.</u>
UMAGABA:	Ke ukuba amaHlubi ayayichasa, uthetha ukuba kothi wani?
UZWILAKHE:	Andazi kaloku.
UMAGABA:	Mna Zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amaJalimani kule nkundla nokuba sekumnyam'entla. Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa ade alawulwe nangendlu yakhe. Ukuba kukho umntu obona isiphako kwintombi kaMcothama esingabonwayo sithi, akukho nto yoba sisikade sethu eso. Akukho nzwana ingenasiphako kakade. Kungcono ukuba sithi hayi ukuzenza kunokuba sithi hayi ukwenziwa.
UZWILAKHE:	Hayi Gabakazi seyikukubuza nje, yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothama. Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini. Ukuba ndithe uza kuzeka intombi ethandwa ndim uza kwenza loo nto ke.
UMAGABA:	Ndingavuya ukuba unokwenjenjalo Rhadebe, ndiyathemba ke ukuba akuyi kujika kwinto oyithethileyo uzenze ixoki.

- 15.1 Ixesha ezimbalini libe nagalelo lini kulo mxholo wale drama. (2)
- 15.2 Caphula intetho kaMagaba ebonakalisa ukumsebenza ingqondo uZwilakhe. (2)
- 15.3 Chaza indlela awaba sisikade ngayo uThobeka kweli khaya ngokwamazwi abhalwe ngqindilili. (2)
- 15.4 'Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini'
Ngqina ngezenzo eziBINI ukuba uZwilakhe wawalandela la mazwi akhe angentla. (2)
- 15.5 Cacisa ukuba indlela yokubona umfazi kaGugulethu yahluka njani kwekayise. (2)
- 15.6 Chaza umahluko phakathi kwalo Zwilakhe wale mini noZwilakhe wamhla ngesigwebo setyala likaGugulethu lokubulala. (2)

ISICATSHULWA J

UGUGULETHU:	Ndikho Jola! Ndikho Ngwanya! (<i>Esukuma</i>) Bawo! Bawo! Uyaweve na la mazwi? Uyayibona na le nto?
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu ndange Hlubi! Ndange undange okokugqibela ukuba ndingasayi kuze ndiphinde ndangiwe mntu uyindoda naphakade ebomini bam. Kum idakile into ebubomi kususela namhla. Ndange Gugulethu! Ndange ugqibelise.
UGUGULETHU:	Uxolo Jola, uxolo! (<i>Emchiliza kancinci</i>) Andisafanele ukuba ndingasondela kuwe, likhulu isikizi endilenzileyo emhlabeni phantsi, likhulu isikizi endilenzileyo emazulwini phezulu, andisafanelwe kujongelwa lutho ngumthinjana weAfrika, andisafanele kujongelwa lutho kwanangumlisela. Sonke isidalwa esinengqondo kususela namhlanje masindijongele phantsi. Kodwa nina nonke nikhoyo kule nkundla buzani umbuzo nithi, kwenzekeni na ngoku? Bekutheni na kuqala? Ndoniphendula ndithi, 'Buzani kubawo.' Bawo! Bawo! Uyawabona na la masikizi? Kowu undenzile! Walenza nesikizi.
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu! Gugulethu, nceda ndange Hlubi.
UGUGULETHU:	Uxolo! Uxolo sithandwa.
UMANTYI:	Gugulethu mange.
UNOMAMPONDOMISE:	Gugulethu ndange sithandwa! Ndange undikhulule. (<i>Esondela kuye emwola ngezandla , ejonge kuyise nonina</i>) Bawo! Bawo kodwa undixolele na?
ULANGENI:	Ndikuxolele Jola.
UNOMAMPONDOMISE :	Usale kakuhle Jola ungakhathazeki ziindaba owothi uzive emva koku. Usale kakuhle nawe Nyawuza omhle, ixesha lifutshane kakhulu ndihleli nani. Ndiziva ndingenakho ukuphinda ndihlale nani konke. (<i>Eguquka ejonga ezintombini</i>) Zintombi zeAfrika nonke nikhoyo kule nkundla ndinishiya nala mazwi. Thembani yonke into phantsi kwelanga kodwa hayi isidalwa indoda.

- 15.7 Chonga iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicutshulwa sithathwe kwidrama. (2)
- 15.8 Ngqina ukuba uMzamo ungumlinganiswa olikholwane likaGugulethu. (2)
- 15.9 Buthathaka buni abe nabo uZwilakhe obumkhokelele kwisiwo sakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.10 Nika imiqobo ibemiBINI oluhlangene nayo uthando lukaGugulethu noNomaMpondomise. (2)
- 15.11 Caphula amazwi kaGugulethu abonisa ukuba ukwimo yoqhankqalazo. (1)
- 15.12 'Usale kakuhle Jola ungakhathazeki **ziindaba owothi uzive emva koku.**'
Xela isiganeko esikrotyiswa kuso ngala mazwi kaNomaMpondomise angentla. (2)
- 15.13 Ucinga ukuba le ncwadi isakufanele ukufundwa namhlanje? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI**

UMagrazula ngumlinganiswa oyintloko kule ncwadi. Ngqina oku ngeempawu neziganeko ezisencwadini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. (2–2½ amaphepha)

[25]**OKANYE****UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA K

MAMQHINEBE:	Ndiyakrokra Siqhiwu ukuba eyona nto ndandikufundisela yona wena, bubuciko obu, nkqi kona ukufumana umsebenzi.
SIQHIWU:	Ngendikuva ngcono kodwa mama ukuba ubusithi: nkqi kona ukufuna umsebenzi. Kaloku ndingayenza yonke into, kodwa andingekhe ndiziqeshe.
MAMQHINEBE:	Kakade ke Siqhiwu, uthi aba mabhalana baqeshayo kule nto yale joyini yenu, abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi?
SIQHIWU:	Andazi. Ndaye andifuni nokwazi nokuba bayayifuna na okanye hayi, kuba apha kuSiqhiwu abasayi kuze bayifumane nokuba bangade bayifune ngamehlo abomvu.
MAMQHINEBE:	Uthini na ngoku Siqhiwu kum' apha?
SIQHIWU:	Soze! Ndinyobe umntu, ndimnyobela amandla nengqondo yam! Yilibale leyo into yona Qhinebe.
MAMQHINEBE:	Hayi ke ngoku ndiza kungakuqondi nokuba akuphungulekanga na.
SIQHIWU:	Xa ndiphungulwa yintoni?
MAMQHINEBE:	Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokukubangela ukuba wena unganyobi?
SIQHIWU:	Khumbula mama ukuba wandifundisa kabuhlungu, ubopha amabande. Ngoku uza kuphinda ubophe amabande, uzama iimali zokunyoba umsebenzi?
MAMQHINEBE:	Ewe tyhini! Abanye abantu aba beyenza nje loo nto, kungokuba mna ndiza kungayenzi kuba ndiqatywe ntoni?
SIQHIWU:	Hayi mama, ndicela siyiyeke le ngxoxo, kuba eyokunyoba yona into, andisayi kuze ndiyenze naphakade. Amen.

- 17.1 Ibe nagalelo lini indlala kulo mxholo wale drama? (2)
- 17.2 Caphula amazwi kaMamQhinebe abonakalisa ukumsebenza ingqondo uSiqhiwu. (2)
- 17.3 Chaza indlela awawabopha ngayo amabande uMamQhinebe ukuze afunde uSiqhiwu. (2)
- 17.4 'Soze! Ndinyobe umntu, ndimnyobele amandla nengqondo yam!'
Ngqina ngezenzo eziBINI ukuba uSiqhiwu wawalandela la mazwi akhe angentla. (2)
- 17.5 Cacisa ukuba indlela yokususa ikati eziko kaMagrazula neyomthetho ziyidale njani impixano kulo mdlalo. (2)
- 17.6 Chaza umahluko phakathi kwalo Maqhikizane kuthethwa ngaye ngale mini nowamhla ngesigwebo setyala lakhe lokunyobisa. (2)

ISICATSHULWA L

(Kusemini, ezilalini, kwaMamQhinebe. Kungena uMamQhinebe noMaGatyeni, batya ulibo.)

- MAGATYENI: Masithabathise, singalilindi ibhadi mfazi.
- MAMQHINEBE: *(Ehleka.)* Andisavuyi nje xa seyinguwe ngoku ongxamileyo.
- MAGATYENI: Uthi ndiza kuthini na Qhinebe? Kaloku, oko ndathi ndazalwa ngumama notata, andizange ndiyalame engaka yona imali, andisathethi ke ngokuyibamba nkamfu ngesi sam isandla.
- MAMQHINEBE: Andivuyi, ndiyagcoloda ke Gatyeni xa kuthe kanti amayeza kaMagrazula akubuyisele ezingqondweni.
- MAGATYENI: Into nje endifuna ukuyicela kuwe Qhinebe yeyokuba 'inkonzo yona kufuneka kube kungona siyikhuthalele nyhani ngoku.
- MAMQHINEBE: Andayiqondi ke ngoku le uyithethayo. Yintoni *maan* esiza kuya kuyifuna enkonzweni ngoku siza kuba zizityebi nje?
- MAGATYENI: Kanti ke, qaphela Qhinebe, ingantle kakhulu le nto yethu xa sinokuyigquma ngezi bhatyi zomanyano.
- MAMQHINEBE: Kodwa ingathi uhlab' ukhangele Gatyeni.
- MAGATYENI: Siza kuzingela kweliphi icala ke namhlanje?
- MAMQHINEBE: Ulibele na ngoku? Ukho kaloku laa mfazi wakwaLink.
- MAGATYENI: Unyanisile, besendifuna ukumlibala. Ibe luhle usana lwakhe.

MAMQHINEBE:	Kukho into endixhalabisayo kodwa kulo msebenzi wethu Gatyeni. Abantwana aba bethu baza kuthi simana sisiya phi, siyifumana phi khona le mali ingaka?
MAGATYENI:	Mna sendinaso isisombululo kuleyo ingxaki.
MAMQHINEBE:	Uthini na apha kum ngoku Gatyeni?
MAGATYENI:	Siza kubaxelela ukuba sihamba eMzamba, apho siyiwina khona yonke le mali.
MAMQHINEBE:	Hayi ke kucacile ukuba lo msebenzi wethu usikelelekile xa icebo lisuka nje lifumaneke lula ngolu hlobo.

- 17.7 Nika iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba esi sicutshulwa sithathwe kwidrama. (2)
- 17.8 Ngqina ukuba uPixie ngumlinganiswa onguValithuba kule drama. (2)
- 17.9 Buthathaka buni abe nabo uMagrazula obumkhokelele kwisiwo sakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.10 Nika imiqobo ibe miBINI ahlangele nayo uMamQhinebe ekulobeleni uMaGatyeni kumsebenzi wokuba iintsana. (2)
- 17.11 Caphula amazwi kaMaGatyeni abonisa ukuba uyinkintsela ngoku kulo msebenzi. (1)
- 17.12 'Kukho into endixhalabisayo kodwa kulo msebenzi wethu Gatyeni'
Xela isiganeko esikrotyiswa kuso ngala mazwi kaMamQhinebe angentla. (2)
- 17.13 Ucinga ukuba le ncwadi isakufanele ukufundwa namhlanje? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

